



Province of the  
**EASTERN CAPE**  
EDUCATION

**NATIONAL  
SENIOR CERTIFICATE**

**GRADE 11**

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA - IPHEPHA LESITHATHU  
NOVEMBA 2009**

**AMANQAKU: 100**

**IXESHA: 2½ iiyure**

---

Olu viwo lunamaphepha asi – 7.

---

**IMIYALELO EYA KUBAFUNDI**

1. Umviwa kulindeleke ukuba aphendule umbuzo **OMNYE** kwicandelo ngalinye.
2. Icandelo ngalinye malibhalwe kwiphepha elitsha, uze ukrwele umgca wakugqiba icandelo elo.
3. Bhala cacileyo nacocekileyo, ucwangcise kakuhle umsebenzi wakho.
4. Nika ingqalelo eyodwa kupelo lwamagama kunye nolwakhiwo lwezivakalisi.
5. **UBUDE BEEMPENDULO:**

ICANDELO A: ISINCOKO: Bhala isincoko esingama-340 – 390 amagama (amaphepha amabini anesiqingatha).

ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE: Bhala i-100 – 120 amagama (iphepha elizeleyo elinesiqingatha).

ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE: Bhala ama-80 – 100 amagama (iphepha elizeleyo).

**ICANDELO A: IZINCOKO****UMBUZO 1**

- 1.1 “Sabaleka kwaphantsa kwasiphuka imicondo loo mini!” Bhala ibali eliya kuba nala mazwi. [50]

**OKANYE**

- 1.2 “Sokuze ndiye ndawo, ndiza kuhlala kweli lam lokuzalwa”. Chaza ngokucacileyo izinto ezingabangela ukuba umntwana waseMzantsi Afrika athethe ngolu hlobo; uchankathe kwezi nkalo: UMzantsi Afrika njengelizwe loxolo kwi-Afrika iphela, ezoqoqosho, uphuhliso loluntu, amathuba emisebenzi avuleleke kuwonke-wonke, kwakunye nemfundo. [50]

**OKANYE**

- 1.3 Ukuyeka phakathi kwabafundi esikolweni bengagqibanga kuya kubheka phambili. Kumalungelo angaka abawanikiweyo, ucinga ukuba kubangelwa yintoni oku kuphuma phakathi? Sithini isisombululo? [50]

**OKANYE**

- 1.4 Bhala isincoko apho ubonisa ukulunga nokungalungi kwento yokuba abazali bamkhethele ikamva umntwana. [50]

**OKANYE**


- 1.5 Ingxubevange yeelwimi ekusasazwa ngazo kumabonakude nakoonomathotholo iyawubulala umdla wokuthetha nokufunda isiXhosa kubafundi banamhla. Ingaba uyavumelana nolu luvo? [50]

**OKANYE**

- 1.6 Xa ndinokuba yimvumi ephume izandla. [50]

**OKANYE**


- 1.7 Imifanekiso inemiyalezo eyahlukeneyo. Oku kuxhomekeke kwindlela awutolika ngayo umntu. Qwalasela lo ungezantsi umfanekiso uziyilele isihloko esiva wena, ubhale isincoko ngawo.



[Ithathwe: Oxford Successful UKHANYO- Iphepha 16] [50]

**OKANYE**

- 1.8 Ungakhumbula nto ngemifanekiso okanye uchukumiseke ngokubonayo. Yila isihloko ngale ingezantsi apha, ubhale isincoko sibe nomxholo ohambelana nemifanekiso.



[Ithathwe: Zibenza Zibutya- Iphepha 131 no DIKGANG tse di BUANG Iphepha 55]

[50]

AMANQAKU ECANDELO A: 50

**ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE****UMBUZO 2****2.1 ILETA YOBUHLOBO**

Ummelwane wakho unesimbo sokuvula unomathotholo kakhulu kude kube sebusuku, nani nixakwe nakukulala. Mbhalele ileta umcele ukuba makathobe isandi esi, uze umxelele nokuba uyafunda ulungiselela iimviwo zakho.

**[30]****OKANYE****2.2 INTETHO**

Isikolo sakho sibamba itheko lokwamkela umfundi ovela kwelaseChina apho bekuqubisene oompondo-zihlanjiwe bamazwe ngamazwe kukhuphiswano lwentenetya. Uceliwe ukuba wenze intetho umele abafundi kulo mnyhadala. Yibhale phantsi le ntetho khon'ukuze ungashiya nto xa uthetha.

**[30]****OKANYE****2.3 UDLIWANO-NDLEBE**

Qwalasela lo mfanekiso ungezantsi, uze ke uyile imibuzo yodliwano-ndlebe neempendulo phakathi kwentatheli naba batshati.



[Ithathwe: Oxford Successful. UKHANYO-Iphepha 18] **[30]**

**OKANYE****2.4 IRIVYU OKANYE ETHIYETHA OKANYE UMAMELE KUNOMATHOTHOLO**

Ububukele umdlalo kamabonakude othe wathimba umdla wakho kutsha nje, bhala irivyu yalo mdlalo ukhokelwa zezi ngongoma:

- linkcukacha ngabalinganiswa.
- Amagqabantshintshi ngebali.
- linkcukacha ngendawo onokufumaneka kuyo umdlalo nexabiso lamatikiti okungena xa ubasethiyetha.
- Nika uluvo lwakho ngesimbo sokulinganisa.

**[30]****AMANQAKU ECANDELO B: 30**

**ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE****UMBUZO 3****3.1 IMIYALELO**

Niza kuphuma ukugqiba kwenu ukubhala ningabafundi bebanga-11 niye elwandle ukuya kuphumza iintloko emva konyaka obemde nobuxakeke kakhulu. Ucelwe ukuba wenze imiyalelo eza kunikwa abafundi ngendlela yokuziphatha endleleni naxa sele nifikile elwandle.

**[20]****OKANYE****3.2 IKHADI LESIMEMO**

Umbutho wengxoxo-mpikiswano uza kuba netheko lokuvala unyaka esikolweni sakho. NjengoNobhala wawo ucelwe ukuba ubhale **ikhadi lesimemo** eliya kusihlalo wesikolo ebenikhe nakhuphisana naso.

**[20]****OKANYE****3.3 ISIBHENGEZO**

Bhala esi sibhengezo ukhokelwa yimiyalelo.

Ulahlekelwe yinjana yakho emva kokuba nithuthele kwindawo entsha yokuhlala. Bhala isibhengezo oza kusithumela kwiphepha-ndaba eliphuma yonke imihla sifakwe kwisithuba esithi, "ILAHLEKILE /IFUNYENWE". Cacisa zonke iinkcukacha ngale njana nendlela onokuthi ufumaneke ngayo khon'ukuze bakuncede abantu bayibuyise.

**[20]****AMANQAKU ECANDELO C: 20****EWONKE AMANQAKU: 100**